basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL EDUCATION COLLABORATION TRUST

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

2030 NDP

# IsiCwangciso & neTreka eziza kuncedisa ekugqibeni IsiCwangciso sokuFundisa soNyaka

## ULwimi LwaseKhaya: IsiXhosa

## Ibanga lesi-3 Ikota yesi-4

# IsiQulatho

**Intshayelelo** **1**

**Iimfuno Zokugqiba isiCwangciso SokuFundisa soNyaka (ATP)** **2**

Izakhono zoLwimi lwaseKhaya 2

Umxholo kuLwimi lwaseKhaya 2

Izandi nokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala 2

Ukwenza imo yesiqhelo kuFundo LoLwimi 5

IsiQhelo esicetyiswayo seVeki kwisiGaba esisiSeko kuLwimi LwaseKhaya 6

Imisebenzi ecetyiswayo kwisiGaba esisiSeko kuLwimi LwaseKhaya (ejongene neemfuno ze-ATP) 7

**Izandi nokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala** **16**

**Inkqubo yeZandi: IsiXhosa uLwimi LwaseKhaya** **17**

**lsiCwangciso neSakhelo seTreka** **21**

Umxholo 1 22

Umxholo 2 24

Umxholo 3 26

Umxholo 4 28

Umxholo 5: Uhlaziyo 30

**Inkqubo yoVavanyo** **32**

Itshekhlisti: IsiGaba esisiSeko uLwimi lwaseKhaya 32

UVavanyo oluseSikweni 33

Sebenzisa iRubrikhi 33

Inguquko 34

Siyathemba ukuba uza kusifumana esi sikhokelo sovavanyo siluncedo 34

UVavanyo lokuFunda: Ikhadi lamaNqaku 35

IBanga lesi- 3 Ikota yesi-4: Umzekelo womsebenzi woVavanyo olusesikweni 36

# Intshayelelo

KooTitshala besiGaba esisiSeko,

Ubhubhane we-COVID-19 usishiyele umceli mngeni omkhulu kwezemfundo. Njengoko sibuyela 'ekuhambeni isikolo ngesiqhelekileyo', sonke kufuneka sisebenze ngobukrelekrele nangakumbi ukuqinisekisa ukuba inkqubo yethu iyachacha.

Oku kubaluleke kakhulu kwisiGaba esisiSeko, apho abantwana bafunda izakhono zokufunda nokubhala. UMzantsi Afrika ufuna ukuba wenze konke okusemandleni akho ukuxhobisa abafundi bakho ngezi zakhono, ukuze bangafundi ukufunda kuphela, kodwa ekugqibeleni babe nako 'ukufundela ukufunda'.

Olu xwebhu luyilelwe ukukunceda ukufezekisa oku. Ngokusebenza ngocwangco kwesi sicwangciso, siqinisekile ukuba ungalungisa ukuphulukana nexesha lokufundisa nokufunda, kwaye ubazise abafundi bakho kwinqanaba apho kufuneka babe khona.

Sithi ke masinibulele kwangaphambili ngokuzimisela, ukuzinikela kunye nokusebenza nzima okuza kufuneka kuni.

Ngokwenene nakha isizwe sethu.

Ngeminqweno emihle yekota ezayo,

**Iqela le- NECT kuLwimi LwaseKhaya**

# Iimfuno Zokugqiba isiCwangciso SokuFundisa soNyaka (ATP)

- Kukho iiveki ezili-10 ngokwesicwangciso seSebe leMfundo esisiSeko, kwisiCwangciso sokugqiba ukuFundisa soNyaka kwiKota yesi-4.
- Ezi veki zili-10 zahlulwe zayimijikelo emi-5 yokufunda.
- Kumjikelo weeveki ezi-2, onke amacandelo okufunda ulwimi kufuneka enziwe ngolu hlobo lulandelayo, kusetyenziswa elona xesha lincinci kwiKharityhulam:

| UBUNCINANE KWI -CAPS IXESHA ELINIKIWEYO | IBANGA 1 | IBANGA 2 | IBANGA 3 |
|---|---|---|---|
| **UkuPhulaphula nokuThetha** | 45 imizuzu | 45 imizuzu | 45 imizuzu |
| **UkuFunda neZandi** | 4 iiyure nama- 30 emizuzu | 4 iiyure nama- 30 emizuzu | 4 iiyure nama- 30 emizuzu |
| **UkuBhala ngesandla** | 1 iyure | 45 imizuzu | 45 imizuzu |
| **UkuBhala** | 45 imizuzu | 1 iyure | 1 iyure |
| **IXESHA LILONKE** | 7 IIYURE | 7 IIYURE | 7 IIYURE |

## Izakhono zoLwimi lwaseKhaya

- Isicwangciso sokubuyisela isiCwangciso sokuFundisa sonyaka kuLwimi lwaseKhaya senzelwe ukubonisa ootitshala ukuba zeziphi izakhono ekufuneka bezakhile kwicandelo ngalinye lolwimi.
- Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba rhoqo kwiiveki ezimbini, izakhono eziza kuphuhliswa ubukhulu becala ziyafana kwicandelo ngalinye, ngoko ke kuninzi ukuphindaphindwa ukuze kuphuhliswe kwaye kuqiniswe ukwaziwa kwezakhono.

## Umxholo kuLwimi lwaseKhaya

- Kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini, kufuneka ootitshala bakhethe umxholo.
- Lo mxholo uchaza okuza kufundwa kulo mjikelo.
- Umzekelo, ukuba utitshala ukhetha umxholo **'Sonke siya esikolweni'**, wonke umxholo kufuneka unxibelelane nalo mxholo, kubandakanya:
  - **a** **Isigama** esiza kufundisiwa, umz: **funda;qhagamshela; thelekisa; eChina; ibanga lesibini, nji.njl.**
  - **b** **Izicengcelezo** okanye **iingoma/iirayimu** ezifundiswayo, umz.: **Ndiyakuthanda ukufunda nokubhala**
  - **c** Ibali **lokufunda elifundwa noTitshala**, umzekelo: Ibali elinesihloko**: Ibanga lesithathu eMzantsi Afrika naseChina**
  - **d** **Umsebenzi wokubhala** ekufuneka bewugqibile abafundi, umzekelo: **Bhala imihlathi ibe zibini malunga nezinto ezenziwa ngabafundi eChina.**

## Izandi nokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala

- Owona mxholo ungahambelaniyo nomxholo zizandi kunye nenkqubo yokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala.

- Ukuze abafundi bakwazi ukufunda ukufunda, kufuneka bafundiswe ngendlela eyiyo izandi zolwimi, nendlela yokudibanisa nokwahlula ezi zandi.
- Emva koko, mabaziqhelanise nokufunda amagama namabali besebenzisa ulwazi lwabo lwezandi ukukhupha amagama.

**Masibone ukuba ngowuphi umxholo nezakhono ezidweliswe kwi-ATP yeBanga lesi-3 kwiKota yesi-4:**

| ISISHWANKATHELO SOKUGQIBA ISICWANGCISO SOKUFUNDISA SONYAKA: IBANGA 3 IKOTA 3 | |
|---|---|
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | |
| **1** | Uthatha inxaxheba kwincoko njengesakhono sentlalo, esamkela kwaye ehlonipha indlela abanye abantu abathetha ngayo |
| **2** | Ucebisa ngezisombululo kwiingxaki |
| **3** | Uxoxa ngezisombululo zengxaki esebenzisa iindlela eziphezulu zokucinga |
| **4** | Umamela iinkcukacha zamabali kunye neempendulo zemibuzo evulelekileyo |
| **5** | Usebenzisa isigama esisoloko sikhula xa uthetha |
| **6** | Ubalisa ibali ngesiqalo, isiqu kunye nesiphelo |
| **7** | Wenza intetho ye-Orali ebalisa iindaba okanye athethe ngamava ngokulandelelana kwawo |
| **8** | Ubalisa ibali esebenzisa ulwimi oluchazayo, izijekulo ezahlukeneyo nezimbo zobuso |
| **9** | Balisa iziqhulo namaqhina esebenzisa ulwimi ngentelekelelo |
| **10** | Sebenzisa ivolumu ukuvakala kwelizwi ngokufanelekileyo kunye nemvakalo-zwi |
| **11** | Uveza uluvo nezimvo ngesicatshulwa anike nezizathu |
| **12** | Ufunda unobangela nesiphumo ebalini |
| **13** | Sebenzisa amagama afana nesenzi, umbuzo, inkcazo, umyalelo, isithethantonye, uphawu lwesikhuzo xa kuxoxwa ngetekisi |
| **14** | Uqonda asebenzise ulwimi kwizifundo ezahlukeneyo |

| IZANDI | |
|---|---|
| ***Inqaku eliya kutitshala:***<br>• *Qinisekisa ukuba wakha amagama uphinde uwahlule:*<br>  • *Ngokwe-Orali (ukohlula izandi)*<br>  • *Ngokwe-Orali (ukubiza izandi***)** | |
| **1** | Wakha amagama esebenzisa izakhono zezandi ezifundiswe kulo nyaka |
| **2** | Ukwahlula amagama ngamalungu ahlukeneyo, umzekelo: Ukusebenzisa amagama abizwa napelwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezahlukeneyo umz: ithanga beka |
| **3** | Upela amagama ngokuchanekileyo kubizelo kunye nawo wonke umsebenzi obhalwayo |
| **4** | Sebenzisa amagama apelwe ngokufanayo kodwa anentsingiselo eyahlukileyo umzekelo: ithanga (ilungu lomzimba) ithanga (imifuno) |
| **5** | Sebenzisa izithethantonye nezichasi |
| **6** | Uyakwazi ukubona afunde:<br>**a** Izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.<br>**b** Upelo nobizelo lwezivakalisi |

| UKUBHALA NGESANDLA |
|---|
| **1** Kopa ze ubhale iipatheni zokubhala kwiskripthi esidibeneyo okanye ubhale ngokudibanisayo<br>**2** Qala ukufunda ukubhala ngohlobo lweskripthi esidibeneyo<br>**3** Uthathela ingqalelo ukwakheka koonobumba nezikhewu kubhalo oludibeneyo<br>**4** Ubhala ngokucocekileyo nangokufundekayo ngokuzithemba<br>**5** Ulinga ngokusebenzisa usiba lokubhala kubhalo oludibeneyo<br>• Uhlobo lokubhala luya kwaziswa ngumgaqo-nkqubo wesikolo wokubhala ngesandla okanye ngumgaqo-nkqubo wephondo |

| UKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA |
|---|
| ***Amanqaku katitshala:***<br>• *Beka abafundi kumaqela afanayo okufunda.*<br>• *Khetha iitekisi / iincwadi zenqanaba elichanekileyo kwiqela ngalinye.*<br>• *Mamela ilungu ngalinye leqela xa lifunda kwaye unike isikhokelo njengoko befunda* |
| **1** Ufunda ngokuzolileyo nangokuvakalayo encwadini yakhe kwiqela lokufunda elikhokelwa nguTitshala<br>**2** Sebenzisa izandi, amagama abonwa njalo  kunye nohlahlelo lolwakhiwo lwezakhono zokumisela iikhowudi xa ufunda<br>**3** Sebenzisa umxholo kunye nezakhono zohlalutyo lolwakhiwo ukuqonda<br>**4** Ufunda ngokuqhabalaka okwandayo, isantya kunye nokuthetha<br>**5** Ubeka esweni iimviwo zokuqonda kwakhe kunye nokuqonda xa kufundwa.<br>**6** Sebenzisa iindlela ngeendlela zokuzilungisa xa ufunda, ukunqumama, uze uziqhelanise negama ngaphambi kokulibiza ngokuvakalayo<br>**7** Udlala imidlalo yamagama etsala ulwazi nesakhono sesigama sokufunda |

| UKUFUNDA NGOKUZIMELA |
|---|
| **1** Fundela iqabane ngokuvakalayo<br>**2** Funda ngokuzimela: iincwadi zamabali, iincwadi ezivela kwikona yokufunda, naziphi na ezinye izicatshulwa<br>**3** Funda ubhalo lwakhe kunye nolwabanye<br>**4** Ufunda ngokuzimela kwinqanaba elithe vetshe lokonwaba okanye ulwazi oluvela kwiitekisi ezahlukeneyo |

| UKUFUNDA NOTITSHALA |
|---|
| **1** Bafunda incwadi  bonke  beyiklasi notitshala / umamele aze alandele xa efunda incwadi utitshala<br>**2** Uphendula imibuzo yodidi oluphezulu ngokubhekisele kwitekisi efundwayo<br>**3** Unika uluvo malunga noko kufundiweyo / aveze ukuba ibali liyathandwa aze anike impendulo echanekileyo<br>**4** Utolika ulwazi oluvela kwintengiso, kwimifanekiso, kwiigrafu nakwiitshathi<br>**5** Usebenzisa imikhombandlela yokufunda iitekisi ezibonisa imizobo aze aqalise ukuhlalutya iitekisi kwizimo zengqondo nezinto abazicingayo<br>**6** Uchonga axoxe ngoluvo oluphambili, abalinganiswa abaphambili nomxholo webali<br>**7** Uxoxa ngengxaki ebalini, isakhiwo sebali kunye neenqobo ezisemxholweni<br>**8** Usebenzisa isichazi-magama ukufumana iintsingiselo zamagama amatsha esigama |

| UKUBHALA |
|---|
| ***Amanqaku katitshala:***<br>• *Sebenzisa imisebenzi yokubhala ekwabelwana ngayo ukubonisa inkqubo yokubhala (ukuhlela, uyilo kunye nokupapasha).*<br>• *Bonelela ngesakhelo sokubhala ukunceda abantwana ukuba babhale amabali abo.* |
| **1** Usebenzisa ubuchule bokubhala kwangaphambili eqokelela ulwazi nokucwangcisa ukubhala: uthetha neqabane, enze imephu yengqondo, asebenzise isakhelo sokucwangcisa<br>**2** Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama anzima ngakumbi<br>**3** Yakha ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho<br>**4** Sebenzisa isichazi-magama ukufumana isigama esitsha kunye nokujonga upelo<br>**5** Uxoxa ngokubhala kwakhe nokwabanye ukuze afumane ingxelo<br>**6** Gqibezela imisebenzi yokubhala, ubandakanya ukuhlela, ukuyila kunye nokupapasha<br>**a** Ubhala ukhetho lwezicatshulwa ezimfutshane ezifutshane, umz: ukubalisa nokubhala iingxoxo<br>**b** Ubhala ngamava obuqu ngeendlela ezahlukeneyo ezifana nenqaku lephepha-ndaba<br>**c** Sebenzisa izakhiwo zolwazi ezifana neeresiphi kunye nolingo<br>**d** Landelelanisa ulwazi kwaye alubeke phantsi kwezihloko<br>**e** Ubhala ibali lakhe elinemihlathi emibini (izivakalisi ezili-12)<br>**f** Ubhala aze azobe ibali aze negalelo kwincwadi yelayibrari yeklasi<br>**7** Chonga usebenzisa ulwimi ngokuchanekileyo, ubandakanya<br>**a** Iimpawu zobhalo: Izingxi, iziphumlisi, iimpawu zombuzo, iimpawu zesikhuzo, oonobumba abakhulu, iimpawu zocaphulo<br>**b** Izihlanganisi zokwenza izivakalisi ezimbaxa<br>**c** Izimeli-nobumba kushiyo sikhamiso |

## Ukwenza imo yesiqhelo kuFundo LoLwimi

- Enye yeendlela zokuqinisekisa ukuba ulisebenzisa ngokuchanekileyo ixesha olinikiweyo kwaye ufikelela kuzo zonke izakhono ezikwi-ATP, kukuphucula indlela yokufunda ulwimi.
- Apha ngezantsi kukho inkqubo ecetyiswayo yeveki, enokusetyenziselwa umjikelo weeveki ezimbini.
  - Esi siqhelo sisebenzisa elona XESHA LINCINCI kuLwimi lwaseKhaya (iiyure ezisi-7)
  - Esi siqhelo simiselwe ukusetyenziswa ngokufanayo kuwo onke amabanga

## IsiQhelo esicetyiswayo seVeki kwisiGaba esisiSeko kuLwimi LwaseKhaya

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IXESHA: AMANQAKU EPHELELE | IXESHA: UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA | IXESHA: UKUFUNDA NEZANDI | IXESHA: UKUBHALA NGESANDLA | IXESHA: UKUBHALA |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Mvulo** | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | I-Orali | 15 imizuzu | 15 imizuzu | | | |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | UVavanyo olungekho sesikweni | 15 imizuzu | | | 15 imizuzu | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Ukufunda notitshala | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUBHALA** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala | 30 imizuzu | | | | 30 imizuzu |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala | 30 imizuzu | | 30 imizuzu | | |
| **LwesiBini** | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFundisa izandi ezitsha namagama | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | UkuFundisa oonobumba namagama amatsha | 15 imizuzu | | | 15 imizuzu | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Ukufunda notitshala | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala | 30 imizuzu | | 30 imizuzu | | |
| **LwesiThathu** | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | I-Orali | 15 imizuzu | 15 imizuzu | | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFundisa izandi ezitsha namagama | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | UkuFundisa oonobumba namagama amatsha | 15 imizuzu | | | 15 imizuzu | |
| | **UKUBHALA** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala | 30 imizuzu | | | | 30 imizuzu |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala | 30 imizuzu | | 30 imizuzu | | |
| **Lwesine** | **UKUFUNDA NEZANDI** | Izandi | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Ukufunda notitshala | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala | 30 imizuzu | | 30 imizuzu | | |
| **LwesiHlanu** | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | I-Orali | 15 imizuzu | 15 imizuzu | | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Izandi | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Ukufunda notitshala | 15 imizuzu | | 15 imizuzu | | |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala | 30 imizuzu | | 30 imizuzu | | |
| | | | **7 iiyure** | **45** imizuzu | **4 iiyure 30 imizuzu** | **45 imizuzu** | **1 iyure** |

Ngaba uyabona ukuba ulwabiwo lwexesha kwicandelo ngalinye luchanekile?

## Imisebenzi ecetyiswayo kwisiGaba esisiSeko kuLwimi LwaseKhaya (ejongene neemfuno ze-ATP)

- Ngenxa yokuba kuninzi kwezakhono ezifanayo nezifuneka ziphuhlisiwe, ingangumbono olungileyo ukwenza imisebenzi eminye okanye efanayo kwiveki nganye.
  - Oku kuqinisekisa ukuba ufundisa zonke izakhono ezifunwa yi-ATP
  - Oku kwenza ukuba ukufundisa nokufunda kusebenze ngakumbi, kuba xa wena kunye nabafundi niyazi le misebenzi, nichitha ixesha elincinci kwinkcazelo
- Isicwangciso esingezantsi sicebisa imisebenzi yesiqhelo onokuyenza rhoqo ngeveki ukufezekisa iimfuno ze-ATP.
- Apho kufuneka khona izakhono ezithile okanye umxholo (ngokwe-ATP) ezi zinto kumele zibandakanywe.
- Qaphela: Ootitshala mabasebenzise imisebenzi ekwiNcwadi yokuSebenza ye-DBE nanini na kufanelekile.

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **Mvulo** | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | I-Orali | • Yazisa ngomxholo<br>• Fundisa amagama ama-3 asekelwe kwisigama somxholo<br>• Fundisa ingoma okanye isingqisho<br>• Abafundi bongeza amagama kwizichazi-magama zabo |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | Uhlolo olungeko sesikweni | • Nika uhlolo olungekho sesikweni ukujonga ukuba abafundi bayazikhumbula na izandi namagama afundisiweyo ngaphambili<br>• Jonga kwakhona ukuBhala ngeSandla – ukubhala ngokudibanisa, ukwakhiwa koonobumba, ukuqala ngoonobumba abakhulu, nokushiya izithuba |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda noTitshala PHAMBI-KOKUFUNDA | Phambi kokuFunda<br>• Bonisa abafundi imifanekiso ebalini<br>• Babuze ukuba kwenzeka ntoni<br>• Bacele ukuba benze uqikelelo |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
| --- | --- | --- | --- |
| **Mvulo** | **UKUBHALA**<br><br>**(Iveki 1 yomjikelo)** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala:<br><br>ISICWANGCISO | • Xelela abafundi isihloko somsebenzi wokubhala<br>• Xelela abafundi umsebenzi wokubhala owukhethileyo, umzekelo:<br>**a** Balisa kwakhona<br>**b** Ingxoxo<br>**c** Inqaku lephephandaba<br>**d** Iresiphi<br>**e** Uvavanyo<br>**f** Ulwazi olulandelelweyo phantsi kwesihloko<br>**g** Ibali lakho elinemihlathi emi-2 (izivakalisi ezili-12)<br>**h** Ibali lokufaka isandla kwincwadi yeklasi<br>**i** Fundisa abafundi ifomathi yeendidi zokubhala ezintsha ngaphambi kokuzisebenzisa<br>• Bonisa abafundi indlela yokuCWANGCISA ukubhala kwabo usebenzisa iindlela ezahlukileyo zokubhala kwangaphambili, o.k.t.<br>• Thetha neqabane<br>• Yenza imephu yengqondo<br>• Sebenzisa isakhelo sokucwangcisa<br>• Xelela abafundi ukuba bagqibezele izicwangciso zabo(bangakopi) |
| | **UKUBHALA**<br>**(Iveki 2 yomjikelo)** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala:<br>UKUHLELA | • Bhala idrafti yakho ebhodini<br>• Bhala itshekhlisti yakho yokuhlela ebhodini<br>• Fundisa abafundi ukusebenzisa ezi mpawu zolwimi zilandelayo emva koko bazibandakanye kuhlelo:<br>**a** Iintlobo ngeentlobo zesigama<br>**b** Iindidi zezivakalisi<br>**c** Iimpawu zokubhala ezifanelekileyo<br>**d** Izimelabizo<br>**e** Izibizo<br>**f** Izenzi<br>**g** Izihlanganisi zokwenza izivakalisi ezimbaxa<br>**h** Izimeli-nobumba kushiyo sikhamiso<br>• Bonisa abafundi indlela YOKUHLELA ukubhala kwabo usebenzisa uluhlu olukwitshekhlisti yakho<br>• Xelela abafundi ukuba bafunde abakubhalileyo ukuze banike ingxelo |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **Mvulo** | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala AMAQELA AMA-2 X 15 IMIZUZU KWIQELA NGALINYE | • Cwangcisa iklasi yonke ngezandi okanye umsebenzi wokufunda (ngababini okanye ngokuzimeleyo)<br>• Fundela abafundi ibali okanye inCwadi yomSebenzi we-DBE<br>• Biza iqela elincinci ukuba lisebenze nawe (iqela elinezakhono ezifanayo)<br>• Hlaziya amagama ezandi namagama abonwa njalo neqela<br>• Nika iqela itekisi ekwinqanaba lalo<br>• Mamela umfundi ngamnye efunda |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **NgoLwesiBini** | **UKUFUNDA NEZANDI** | Fundisa izandi ezitsha namagama | • Sebenza ngokucwangcisiweyo ngenkqubo yezandi yolwimi lwakho<br>• Fundisa abafundi ukufunda isandi esitsha<br>• Bafundise ukufunda amagama asebenzisa isandi esitsha kunye nezandi ezifundisiweyo (uhlaziyo lwamagama)<br>• Babonise indlela yokuhlahlela nokwakha amagama<br>• Yenza imisebenzi efanelekileyo kwiNcwadi yemiSebenzi ye-DBE |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | Fundisa oonobumba abatsha namagama | • Ngumbono olungileyo ukutshatisa ukubhala ngesandla nezandi<br>• Fundisa abafundi ukubhala oonobumba okanye isandi abasifundileyo (Ibanga lesi-2 nelesi-3)<br>• Fundisa abafundi ukubhala amagama nezivakalisi ezisebenzisa isandi<br>• Lungisa indlela abafundi ababamba ngayo ipensile, ukuma, ukubhalwa koonobumba, isithuba phakathi kwamagama nobungakanani<br>• Yenza imisebenzi efanelekileyo kwiNcwadi yomSebenzi ye-DBE |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **NgoLwesiBini** | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda noTitshala UFUNDO LOKUQALA | **UFundo lokuQala**<br>• Fundela abafundi eli bali ngokutyibilikayo, nangokubonisa. Yima uze ucacise xa kukho imfuneko<br>• Yalatha uchaze iimpawu zolwimi, kubandakanya:<br>**a** Iimpawu zobhalo<br>**a** Izihlanganisi zokwenza izivakalisi ezimbaxa<br>**b** Iimpawu zokubhala ezifanelekileyo<br>**c** Izimeli-nobumba kushiyo sikhamiso<br>**d** Iimpawu zobhalo ezifanelekileyo<br>• Emva kokufunda, buza le mibuzo ilandelayo:<br>**a** Chonga uxoxe uluvo oluphambili, abalinganiswa abaphambili, nomxholo<br>**b** Uluvo (uyithandile / ucinga ntoni ngayo / kunye nokucacisa uluvo: Ngoba?<br>**c** Chonga unobangela nesiphumo<br>**d** Chonga unobangela nesiphumo<br>**e** Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngokusekwe kwisicatshulwa esifundwayo<br>**f** Sebenzisa imikhombandlela yokufunda iitekisi ezibonisa imizobo kunye nokuhlalutya izicatshulwa zesimo sengqondo kunye nokucingela<br>**g** Xoxa ngengxaki ebalini, isakhiwo sebali kunye neemfundiso ezisemxholweni |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala AMAQELA AMA-2 X 15 IMIZUZU KWIQELA NGALINYE | • Cwangcisa iklasi yonke nifunde ngezandi okanye ngomsebenzi wokufunda (abafundi mababe ngababini okanye ngokuzimeleyo)<br>• Fundela abafundi ibali okanye iNcwadi yomSebenzi we-DBE<br>• Biza iqela elincinci ukuba lisebenze nawe (iqela elinezakhono ezifanayo)<br>• Hlaziya amagama ezandi namagama abonwa njalo neqela<br>• Nika iqela itekisi ekwinqanaba labo<br>• Mamela umfundi ngamnye efunda |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **NgoLwesiThathu** | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | Imisebenzi ye-Orali | • Fundisa isigama somxholo, amagama abe ma-3<br>• Cula ingoma okanye wenze irayimu/isingqisho<br>• Yenza omnye umsebenzi we-Orali, umz.<br>**a** Cebisa ngezisombululo kwingxaki ekwitekisi.<br>**b** Xoxa ngezisombululo zengxaki usebenzisa ubuchule bokucinga obuphezulu<br>**c** Ubalisa ibali ngesiqalo, phakathi kunye nesiphelo<br>**d** Yenza intetho yomlomo uxela iindaba okanye uthetha ngamava ngokulandelelana<br>**e** Balisa ibali usebenzisa ulwimi oluchazayo, izijekulo ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso<br>**f** Thetha iziqhulo namaqhina usebenzisa ulwimi ngentelekelelo<br>**g** Ukubalisa amabali obuchule- Cela bonke abafundi ukuba bazenzele awabo amabali omxholo kwaye babelane namaqabane abo<br>**h** Abafundi bongeza amagama amatsha kwizichazi-magama zabo |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | Fundisa izandi ezitsha namagama | • Sebenza ngokucwangcisiweyo ngenkqubo yezandi yolwimi lwakho<br>• Fundisa abafundi ukufunda isandi esitsha<br>• Bafundise ukufunda amagama asebenzisa isandi esitsha kunye nezandi zangaphambili ezifundisiweyo (amagama ahlaziyekileyo)<br>• Babonise indlela yokuhlahlela nokwakha amagama<br>• Yenza imisebenzi efanelekileyo kwiNcwadi yemiSebenzi ye-DBE |
| | **UKUBHALA NGESANDLA** | UkuFundisa oonobumba abatsha namagama | • Ngumbono olungileyo ukutshatisa ukubhala ngesandla nezandi<br>• Fundisa abafundi ukubhala oonobumba okanye izandi abazifundileyo (kwiBanga lesi-2 nelesi-3)<br>• Fundisa abafundi ukubhala amagama nezivakalisi besebenzisa isandi<br>• Lungisa indlela abafundi ababamba ngayo ipensile, ukuma, ukubhalwa koonobumba, isithuba phakathi kwamagama nobungakanani<br>• Yenza imisebenzi efanelekileyo kwiNcwadi yomSebenzi ye-DBE |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **NgoLwesiThathu** | **UKUBHALA**<br>**(Iveki 1 yomjikelo)** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala:<br>IDRAFTI | • Khumbuza abafundi ngomsebenzi wokubhala<br>• Bhala iplani yakho ebhodini<br>• Bhala isikhokelo sokubhala ebhodini<br>• Bonisa abafundi indlela YOKWENZA IDRAFTI kubhalo<br>• Xelela abafundi ukuba basebenzise isicwangciso kunye nesakhelo sabo ukubhala ezabo iidrafti |
| | **UKUBHALA**<br>**(Iveki 2 yomjikelo)** | Ukwabelana ngenkqubo yokubhala:<br>UKUSHICILELA NOKWABELANA | • Khumbuza abafundi ngomsebenzi wokubhala<br>• Bhala idrafti yakho eneziphene ebhodini<br>• Lungisa idrafti yakho nabafundi<br>• Bonisa abafundi indlela yokuSHICILELA ukubhala kwakho ngokubhala ngokutsha ngokucocekileyo kungekho zimpazamo, kwaye ufake nomzobo kubhalo lwakho<br>• Xelela abafundi ukuba BASHICILELE oko bakubhalayo<br>• Xelela abafundi ukuba BABELANE ngokubhala kunye neqabane labo - bafundelane |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala<br>AMAQELA AMA-2<br>X 15 IMIZUZU KWIQELA NGALINYE | • Cwangcisa iklasi yonke nifunde ngezandi okanye ngomsebenzi wokufunda (abafundi mababe ngababini okanye ngokuzimeleyo)<br>• Fundela abafundi ibali okanye iNcwadi yomSebenzi we-DBE<br>• Biza iqela elincinci ukuba lisebenze nawe (iqela elinezakhono ezifanayo)<br>• Hlaziya amagama ezandi namagama abonwa njalo neqela<br>• Nika iqela itekisi ekwinqanaba labo<br>• Mamela umfundi ngamnye efunda |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| **NgoLwesiNe** | **IZANDI NAMAGAMA** | Izandi | • Hlaziya izandi ezibini ezifundiswe ngoLwesiBini nangoLwesiThathu<br>• Yenza umsebenzi wezandi eklasini, umzekelo:<br>**a** Ukudibanisa izandi ukwenza amagama<br>**b** Ukohlula amagama abe zizandi<br>**c** Ukwakha amagama usebenzisa izandi<br>**d** Ukubhala izivakalisi ezizodwa usebenzisa amagama ezandi<br>**e** Ukwenza imisebenzi efanelekileyo kwiNcwadi yomsebenzi ye-DBE |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| NgoLwesiNe | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda noTitshala<br><br>IsiFundo sesiBini | • UFundo lwesiBini<br>• Fundela abafundi ibali ngokutyibilika novakalelo<br>• Emva kokufunda, buza imibuzo kubandakanya:<br>**a** Ulandelelwano (kwenzeka ntoni kuqala, ngokulandelayo, okokugqibela)<br>**b** Uluvo (uthandile/ucinga ntoni / njl.njl.) kunye nokucacisa uluvo: Ngoba?<br>**c** Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Chonga unobangela nesiphumo<br>• Cela abafundi ukuba benze eyabo imibuzo esekwe kwitekisi baze babuze iqabane |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala<br><br>AMAQELA AMA -2<br><br>X 15 IMIZUZU KWIQELA NGALINYE | • Cwangcisa iklasi yonke nifunde ngezandi okanye ngomsebenzi wokufunda (abafundi mababe ngababini okanye ngokuzimeleyo)<br>• Fundela abafundi ibali okanye iNcwadi yomSebenzi we-DBE<br>• Biza iqela elincinci ukuba lisebenze nawe (iqela elinezakhono ezifanayo)<br>• Hlaziya amagama ezandi namagama abonwa njalo neqela<br>• Nika iqela itekisi ekwinqanaba labo<br>• Mamela umfundi ngamnye efunda |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| NgoLwesiHlanu | **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | Umsebenzi we-Orali | • Fundisa amagama omxholo abe ma-3<br>• Cula ingoma okanye wenze irayimu isingqisho<br>• Yenza omnye umsebenzi we-orali, umz.<br>**a** Beka abafundi ngokwamaqela ukuze baxoxe ngesicatshulwa, mabasebenzise isakhelo sokubhala (ndiyithandile… / andiyithandanga… / Ndicinga ukuba lo mbhalo ubhalelwe u…)<br>**b** UkuBalisa amaBali ngoBuchule. Cela abafundi ukuba basebenze bengamaqela ukuze beze nomxholo webali abavumelene ngawo<br>**c** Ubalisa ibali ngesiqalo, phakathi kunye nesiphelo<br>**d** Yenza intetho yomlomo ubalise iindaba okanye uthethe ngamava ngokulandelelana kwawo<br>**e** Balisa ibali usebenzisa ulwimi oluchazayo, izijekulo ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso<br>**f** Thetha iziqhulo namaqhina usebenzisa ulwimi ngentelekelelo<br>• Abafundi bongeza amagama amatsha kwizichazi-magama zabo |

| USUKU | ICANDELO | UMSEBENZI | IMISEBENZI ECETYISWAYO |
|---|---|---|---|
| NgoLwesiHlanu | **UKUFUDA NEZANDI** | Izandi | • Hlaziya izandi ezibini ezifundiswe ngoLwesiBini nangoLwesithathu, kwakunye nezinye izandi ezifundiswe kule kota<br>• Yenza umsebenzi wezandi eklasini, umzekelo:<br>**a** Ukudibanisa izandi ukwenza amagama<br>**b** Ukohlula amagama abe zizandi<br>**c** Ukwakha amagama usebenzisa izandi<br>**d** Ukubhala izivakalisi ezizodwa usebenzisa amagama ezandi<br>**e** Ukwenza imisebenzi efanelekileyo kwincwadi yomsebenzi ye-DBE |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda noTitshala EMVA KOFUNDO | **Emva koFundo**<br>• Yenza umsebenzi wokuzibandakanya nebali kwinqanaba elinzulu, okt.<br>**a** Balisa ibali nomlingane wakho - iqabane ngalinye libalisa inxenye yebali ngokulandelelana kwalo<br>**b** Shwankathela - umfundi ngamnye uxelela umlingane wakhe ukuba lingantoni na ibali ngezivakalisi ezi-2-3<br>**c** Balisa ibali usebenzisa ulwimi oluchazayo, izijekulo ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso<br>**d** Veza uluvo nezimvo ngesicatshulwa anike nezizathu<br>**e** Yongeza amagama neenkcazo kwisichazi-magama |
| | **UKUFUNDA NEZANDI** | UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala AMAQELA AMA -2 X 15 IMIZUZU KWIQELA NGALINYE | • Cwangcisa iklasi yonke ngezandi okanye umsebenzi wokufunda (ngababini okanye ngokuzimeleyo)<br>• Fundela abafundi kwiincwadi zamabali okanye kwiNcwadi yomSebenzi ye-DBE<br>• Biza iqela elincinci ukuba lisebenze nawe (iqela elikwiqondo elifanayo lokufunda)<br>• Hlaziya amagama ezandi namagama abonwa njalo ngokwamaqela<br>• Nika iqela itekisi ekwinqanaba labo<br>• Mamela umfundi ngamnye efunda eyedwa |

Ngaba uqaphele ukuba ngaphakathi kwecandelo ngalinye, iindlela zesiqhelo ziyasetyenziswa? Jonga ukuba uqaphele zonke iindlela zesiqhelo ezisetyenzisiweyo:

**IMISEBENZI YE-ORALI**

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Yazisa ngomxholo, fundisa isigama, fundisa ingoma okanye isingqisho |
| NgoLwesiThathu: | Fundisa isigama, cula ingoma okanye irayimu, yenza omnye umsebenzi |
| NgoLwesiHlanu: | Fundisa isigama, cula ingoma okanye irayimu, yenza omnye umsebenzi |

**IZANDI NOKUBHALA NGESANDLA**

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Nika uhlolo olungekho sesikweni ukujonga ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla |
| NgoLwesiThathu: | Fundisa isandi esitsha namagama; fundisa ukubhala oonobumba namagama |
| NgoLwesiNe: | Yenza umsebenzi wokuziqhelanisa usebenzisa izandi zezandi ezifundisiweyo |
| NgoLwesiHlanu: | Yenza umsebenzi wokuziqhelanisa usebenzisa izandi zezandi ezifundisiweyo |

**UKUFUNDA NOTITSHALA**

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Phambi- koFundo |
| NgoLwesiBini: | UFundo lokuQala |
| NgoLwesiNe: | UFundo lwesiBini |
| NgoLwesiHlanu: | Emva koFundo |

**UKUBHALA**

| | |
|---|---|
| Iveki yoku-1 ngoMvulo: | UkuCwangcisa |
| Iveki yoku-1: | ngoLwesiThathu: IDrafti |
| Iveki yesi-2 ngoMvulo: | UkuHlela |
| Iveki yesi-2 ngoLwesiThathu: | UShicilelo noKwabelana |

Ingaba iyavakala le nto kuwe? Loluphi utshintsho onokulwenza?

# Izandi nokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala

Njengotitshala wesiGaba seSiseko, olona xanduva lwakho lubaluleke kakhulu kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bayakwazi ukufunda!

Ezinye izikhokelo ezisisiseko ekufuneka uzilandele ukufundisa izandi zezi:

1 **Qiniseka ukuba unenkqubo epheleleyo yezandi, equka zonke izandi zolwimi lwakho.**
- Inkqubo yezandi ye-NECT yesiXhosa kuLwimi lwaseKhaya ifakiwe apha ngezantsi - ukhululekile ukuyisebenzisa , okanye ukusebenzisa nayiphi na inkqubo yezandi  yephondo lakho, isithili okanye isikolo sakho.

2 **Sebenzisa inkqubo yezandi ufundisa. Isandi ngasinye:**
- Qinisekisa ukuba abafundi bayasiva isandi, kwaye bayakwazi ukuchonga isandi ngokwamagama.
- Fundisa abafundi ulwalamano loonobumba nezandi - indlela esijongeka ngayo isandi.
- Ziqhelanise nokudibanisa isandi kunye nezinye izandi ezaziwayo ukwenza amagama.
- Funda izicatshulwa ezibandakanya amagama asebenzisa isandi.
- Hlaziya zonke izandi ezifundisiweyo rhoqo.

Ezinye zezikhokelo ezisisiseko ekufuneka uzilandele ukufundisa ukufunda zezi:

1. Cwangcisa abafundi babe ngamaqela akwiqondo elifanyo lokufunda
2. Biza iqela ngalinye ulinike ithuba lokukufundela kube kanye ngeveki.
3. Kubafundi abatsala nzima, zama ukubaphulaphula kabini okanye kathathu ngeveki.
4. Sebenzisa isicatshulwa esikwinqanaba elifanelekileyo neqela - kumanye amaqela, kusenokufuneka usebenzele ekuhlaziyeni izandi nasekwakhiweni kwamagama.
5. Xa usebenza neqela, mamela umfundi ngamnye efunda njengomntu ozimeleyo.
6. Fundisa abafundi ukusoloko bevakalisa izandi zamagama angaziwayo - ukuba umfundi ufika kwigama angakwaziyo ukulifunda, mncede alibize. Sukulitsiba okanye ubize omnye alifunde.
7. Ngexesha lokufunda ngamaQela ancediswa nguTitshala, beka abafundi ngababini ukuze bagqibezele imisebenzi yokufunda kunye, ngelixa uxakekileyo usebenza neqela elincinci.

# Inkqubo yeZandi: IsiXhosa uLwimi LwaseKhaya

- Kubaluleke kakhulu ukufundisa abafundi ngocwangco zonke izandi zezandi zolwimi.
- Izandi ezifundiswa kwinkqubo ye-NECT yesiXhosa uLwimi LwaseKhaya zidweliswe apha ngezantsi - ukhululekile ukusebenzisa le nkqubo njengesikhokelo.
- Ngenxa yalo bhubhane, abantwana abaninzi baphose imfundo yezandi ebalulekileyo.
- Nceda ufumanise ukuba zeziphi izandi abafundi abazaziyo nabangazaziyo, kwaye usebenze ngenkqubo ngendlela eyiyo, ukulungisa nayiphi na ilahleko yokufunda

***Qaphela:***

- Izandi ezikwibhloko engwevu zichazwe yi-ATP yeBanga lesi-3 kwiKota yesi-4 (nangaphezulu kwazo zonke izandi ezizodwa)
- Zama ukuqinisekisa ukuba abafundi bakho bayazazi ezi zandi

| INKQUBO YEZANDI | | | | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| IZANDI ZEZANDI | UBIZO LWAMAGAMA | | | |
| a | | | | |
| l | l-a = la | l-a-l-a = lala | | |
| e | l-e = le | a-l-a-l-e = alale | | |
| m | m-a-m-a = mama | m-e-l-a = mela | m-a-m-e-l-a = mamela | |
| i | l-i-l-a = lila | i-l-a-l-i = ilali | i-l-e-l-i = ileli | |
| s | s-e-l-a = sela | i-s-e-l-a = isela | s-a-l-a = sala | |
| o | o-l-o = olo | m-o-l-o = molo | i-l-o-l-o = ilolo | |
| b | a-b-a = aba | b-a-l-a = bala | b-i-l-a = bila | |
| u | u-m-a-m-a = umama | u-s-u-l-a = usula | l-u-m-a = luma | |
| c | c-e-l-a = cela | c-u-l-a = cula | c-o-c-a = coca | |
| d | d-a-d-a = dada | i-d-a-d-a = idada | d-u-d-a = duda | |
| n | i-n-a-n-i = inani | i-n-u-n-u = inunu | i-n-e-n-e = inene | |
| t | i-t-i = iti | i-t-o-t-i = itoti | u-t-a-t-a = utata | |
| k | k-a-m-a = kama | k-u-b-i = kubi | i-k-a-t-i = ikati | |
| f | f-o-l-a = fola | f-u-n-a = funa | u-f-i-f-i = ufifi | |
| g | g-a-d-a = gada | g-u-l-a = gula | g-o-b-a = goba | |
| j | j-a-m-a = jama | j-i-k-a = jika | i-j-o-k-o = ijoko | |
| y | y-a-m = yam | y-o-n-a = yona | y-i-y-o = yiyo | |
| p | i-p-a-p-a = ipapa | i-p-a-n-i = ipani | i-p-e-n-i = ipeni | |
| h | h-a-m-b-a = hamba | i-h-o-b-e = ihobe | i-h-a-m-i-l-e = ihamile | |
| w | w-e-n-a = wena | w-o-l-a = wola | i-w-a-k-a = iwaka | |
| x | x-o-l-a = xola | x-e-l-a = xela | x-o-x-o = xoxo | |
| v | v-e-l-a = vela | i-v-e-n-i = iveni | v-u-l-a = vula | |
| q | q-a-l-a = qala | q-a-b-a = qaba | q-i-q-a = qiqa | |

| INKQUBO YEZANDI | | | | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| **IZANDI ZEZANDI** | **UBIZO LWAMAGAMA** | | | |
| z | z-o-b-a = zoba | z-o-l-a = zola | z-u-l-a = zula | |
| r | i-r-u-l-a = irula | i-r-a-y-i-s-i = irayisi | i-r-a-n-d-i = irandi | |
| bh | bh-a-bh-a = bhabha | bh-e-k-a = bheka | bh-u-l-a = bhula | |
| ch | ch-o-l-a = chola | ch-u-b-a = chuba | ch-i-l-a = chila | |
| sh | sh-i-y-a = shiya | i-sh-e-y-i = isheyi | i-sh-u-sh-u = ishushu | |
| rh | rh-a-l-a = rhala | rh-o-l-a = rhola | rh-u-m-a = rhuma | |
| qh | qh-a = qha | qh-o-l-a = qhola | qh-a-l-a = qhala | |
| kh | kh-a-b-a = khaba | kh-a-l-a = khala | kh-a-w-u-l-e-z-a = khawuleza | |
| th | th-a-th-a = thatha | th-e-th-a = thetha | th-o-b-a = thoba | |
| ph | ph-e-k-a = pheka | ph-a-k-a = phaka | ph-i-k-a = phika | |
| xh | xh-a = xha | xh-o-l-a = xhola | xh-o-m-a = xhoma | |
| dl | dl-a-l-a = dlala | dl-o-b-a = dloba | i-dl-a-l-a = idlala | |
| hl | hl-o-hl-a = hlohla | hl-o-l-a = hlola | hl-u-th-a = hlutha | |
| ts | ts-e = tse | ts-i-b-a = tsiba | ts-a-l-a = tsala | |
| ty | y-i-ty-a = yitya | ty-a-l-a = tyala | i-ty-a-l-a = ityala | |
| ny | ny-a = nya | i-ny-e = inye | i-ny-o-s-i = inyosi | |
| nw | nw-a-b-u = nwabu | nw-e-l-w-e = nwelwe | u-nw-e-b-u = unwebu | |
| qw | qw-a-n-y-a = qwanya | qw-e-l-a = qwela | u-qw-e-qw-e = uqweqwe | |
| gw | i-gw-a-l-a = igwala | u-gw-e-b-u = ugwebu | gw-e-b-a = gweba | |
| dw | i-dw-a-l-a = idwala | u-l-u-dw-e = uludwe | e-s-i-d-u-dw-i-n-i = esidudwini | |
| lw | u-lw-a-n-dl-e = ulwandle | u-lw-a-z-i = ulwazi | u-lw-i-m-i = ulwimi | |
| kw | kw-e-kw-a = kwekwa | u-kw-a-z-i = ukwazi | b-e-kw-a = bekwa | |
| jw | i-s-i-jw-i-l-i = isijwili | jw-a-q-e-k-a = jwaqeka | jw-i = jwi | |
| zw | i-l-i-zw-e = ilizwe | i-s-i-zw-e = isizwe | u-zw-e-l-o-n-k-e = uzwelonke | |
| tw | tw-e-z-a = tweza | e-s-i-t-a-l-a-tw-e-n-i = esitalatweni | t-u-tw-i-n-i = tutwini | |
| nq | nq-a = nqa | nq-a-n-d-a = nqanda | i-nq-a-b-a = inqaba | |
| nz | i-nz-i-m-a = inzima | i-nz-o-l-o = inzolo | i-nz-u-z-o = inzuzo | |
| ng | i-ng-o-m-a = ingoma | i-ng-u-b-o = ingubo | i-ng-o-z-i = ingozi | |
| nd | i-nd-o-d-a = indoda | i-nd-a-l-o = indalo | i-nd-i-m-a = indima | |
| nj | i-nj-a = inja | i-nj-e-k-e = injeke | i-nj-a-l-o = injalo | |
| nc | nc-i-nc-i = ncinci | nc-i-ph-a = ncipha | nc-e-d-a = nceda | |

| INKQUBO YEZANDI | | | | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| IZANDI ZEZANDI | UBIZO LWAMAGAMA | | | |
| gq | gq-a = gqa | i-gq-a-b-i = igqabi | i-gq-o-l-o = igqolo | |
| gx | gx-e-k-a = gxeka | i-s-i-gx-a-l-a = isigxala | i-gx-a-l-a-b-a = igxalaba | |
| nx | nx-a = nxa | i-nx-e-b-a = inxeba | i-nx-i-l-i = inxili | |
| gc | gc-a = gca | gc-a-d-a = gcada | gc-o-b-a = gcoba | |
| mb | i-mb-o-l-a = imbola | i-mb-a-l-i = imbali | i-mb-a-s-a = imbasa | |
| mf | i-mf-e-n-e = imfene | i-mf-a-z-w-e = imfazwe | i-mf-e = imfe | |
| dy | i-dy-a-s-i = idyasi | i-dy-o-kh-w-e = idyokhwe | i-dy-u-dy-u = idyudyu | |
| kr | i-kr-e-l-e = ikrele | kr-a-s-a = krasa | kr-o-b-a = kroba | |
| oo | oo-m-a-m-a = oomama | oo-b-a-w-o = oobawo | oo-d-a-d-e = oodade | |
| ii | ii-n-k-o-m-o = iinkomo | ii-n-k-o-m-i-ty-i = iinkomityi | ii-n-t-e-n-t-e = iintente | |
| mn | mn-a = mna | i-mn-a-n-d-i = imnandi | u-mn-i-k-a-z-i = umnikazi | |
| mh | i-mh-e-mh-e = imhemhe | i-mh-e-m-f-u = imhemfu | mh-o-mh-a = mhomha | |
| ndl | i-ndl-u = indlu | i-ndl-o-v-u = indlovu | i-ndl-e-l-a = indlela | |
| ntl | i-ntl-a-k-a = intlaka | i-ntl-a-m-a = intlama | i-ntl-o-k-o = intloko | |
| ndw | i-ndw-e-ndw-e = indwendwe | u-ndw-e-b-i-l-e = undwebile | i-ndw-a-l-u-th-o = indwalutho | |
| ndy | i-ndy-e-b-o = indyebo | i-ndy-o-ndy-o = indyondyo | i-ndy-a-ndy-a = indyandya | |
| ngc | i-ngc-a = ingca | i-ngc-a-w-e = ingcawe | i-ngc-a-m-b-u = ingcambu | |
| nqw | nqw-a-l-a = nqwala | i-nqw-a-b-a = inqwaba | i-nqw-e-l-o = inqwelo | |
| ngq | ngq-o = ngqo | i-ngq-a-y-i = ingqayi | i-ngq-i-n-a = ingqina | |
| ngx | ngx-e = ngxe | i-ngx-a-k-i = ingxaki | i-ngx-e-l-o = ingxelo | |
| ntw | i-ntw-a-s-o = intwaso | i-ntw-a-l-a = intwala | u-m-ntw-a-n-a = umntwana | |
| ncw | i-ncw-a-d-i = incwadi | ncw-i-n-a = ncwina | ncw-a-s-a = ncwasa | |
| ngw | i-ngw-e = ingwe | i-ngw-a-n-e = ingwane | i-ngw-a-ty-u = ingwatyu | |
| njw | i-b-a-njw-a = ibanjwa | h-a-njw-a = hanjwa | th-i-njw-a = thinjwa | |
| nxw | u-nxw-e-m-e = unxweme | e-nxw-e-m-e-n-i = enxwemeni | | |
| tyw | tyw-a-b-a = tywaba | u-tyw-a-l-a = utywala | tyw-i-n-a = tywina | |
| thw | thw-a-l-a = thwala | b-e-thw-a = bethwa | thw-e-thw-a = thwethwa | |

| INKQUBO YEZANDI | | | | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| IZANDI ZEZANDI | UBIZO LWAMAGAMA | | | |
| ths | ths-u = thsu | ths-u-ph-e = thsuphe | ths-u-ths-u-z-a = thsuthsuza | |
| nty | i-z-a-nty-a = izantya | i-nty-a-ty-a-m-b-o = intyatyambo | i-z-a-nty-a-l-a-nty-a-l-a = izantyalantyala | |
| nkx | nkx-u = nkxu | i-nkx-a-s-o = inkxaso | i-nkx-a-l-a-b-o = inkxalabo | |
| nts | i-nts-i-l-a = intsila | i-nts-i-k-a = intsika | i-nts-e-l-o = intselo | |
| nkq | nkq-o-nkq-o = nkqonkqo | i-nkq-a-y-i = inkqayi | i-nkq-u-b-e-l-a = inkqubela | |
| krw | krw-e = krwe | i-krw-a-l-a = ikrwala | krw-e-l-a = krwela | |
| khw | khw-e-l-a = khwela | khw-a-z-a = khwaza | khw-i-n-a = khwina | |
| rhw | rhw-e-b-a = rhweba | u-m-rhw-e-b-i = umrhwebi | rhw-a-ph-i-l-i-z-a = rhwaphiliza | |
| xhw | xhw-i = xhwi | i-xhw-i-l-i = ixhwili | i-xhw-a-n-e = ixhwane | |
| nkc | nkc-u-nkc-a = nkcunkca | i-nkc-e-nkc-e = inkcenkce | nkc-e-nkc-e-sh-e-l-a = nkcenkceshela | |
| tsw | i-tsw-e-l-e = itswele | tsw-e-b-a = tsweba | tsw-i-n-a = tswina | |
| tsh | k-u-y-a-tsh-a = kuyatsha | m-tsh-a = mtsha | tsh-a-y-a = tshaya | |
| tshw | b-o-tshw-a = botshwa | kh-a-tshw-a = khatshwa | tshw-a = tshwa | |
| ntsh | i-ntsh-a = intsha | ii-ntsh-a-b-a = iintshaba | i-ntsh-o-l-o = intsholo | |
| ndlw | i-ndlw-a-n-a = indlwana | i-s-a-ndlw-a-n-a = isandlwana | | |
| ngcw | i-ngcw-a-b-a = ingcwaba | ngcw-e-l-e = ngcwele | i-ngcw-a-n-g-u = ingcwangu | |
| ntyw | ntyw-i-l-a = ntywila | i-ntyw-e-n-k-a = intywenka | | |
| ndyw | ii-ndyw-a-l-a = iindywala | i-ndyw-a-b-a-s-i = indywabasi | | |
| ntsw | i-ntsw-e-l-o = intswelo | i-ntsw-a-hl-a = intswahla | | |
| nkxw | nkxw-e = nkxwe | i-s-a-nkxw-e = isankxwe | i-nkxw-a-l-e-k-o = inkxwaleko | |
| ngqw | i-ngqw-a-y-i = ingqwayi | u-ngqw-a-b-a-l-a-l-a = ungqwabalala | ngqw-a-d-a-l-a-l-a = ngqwadalala | |
| ngxw | i-ngxw-e-l-e-rh-a = ingxwelerha | | | |
| nyhw | i-nyhw-a-g-i = inyhwagi | i-nyhw-e-b-a = inyhweba | | |

# IsiCwangciso neSakhelo seTreka

- Isicwangciso seKharityhulam kunye neTrekha elandelayo zisebenzisa inkqubo yesiqhelo kunye nemisebenzi echazwe ngaphambili.

## I-ATP ( IsiCwangciso sokuFundisa soNyaka)

- Zi-5 iiziCwangciso nee-Treka ezingabhalwanga, onokuthi uzisebenzise xa usenza isicwangciso kunye nokulandelela ikharityhulam yakho yekota nganye.
- Unokukhetha ukwenza uhlaziyo kwiiveki ye- 9 neye- 10.
- Ukuba ukhetha ukuyila isiqhelo sakho kunye nemisebenzi, qinisekisa nje ukuba ziyayithobela i-CAPS kunye nesiCwangciso sokuFundisa soNyaka (ATP).
- Emva koko, yila esakho isiCwangciso kunye neTreka ukugcina umkhondo wokufundwa kwekharityhulam yakho yekota yesi-4.

*Khumbula, inkqubo yokufunda emiselweyo yoLwimi lwaseKhaya iBanga 1-3 iyafumaneka ze ikhutshelwe kwiziko lewebhu: www.nect.org.za*

# Inkqubo yoVavanyo

## UVavanyo LokuFunda

- **Le itshekhlisti** ilandelayo ibandakanya **ezona zakhono zibalulekileyo zophuculo lokufunda** nokubhala zabafundi bakho ukuze baphumelele kwesi sigaba.
- Ezi **zizakhono ezisisiseko zokufunda nokubhala** ekufuneka zifunyenwe **ngabo bonke abafundi ekupheleni kweBanga lesi-3.**
- Akukho ndlela ikhawulezayo nelula yokulandela umkhondo 'woVavanyo lokuFunda', okanye 'uVavanyo olusesikweni.
- Ukukunceda ukwenza oku ngendlela enentsingiselo, unokufuna ukwenza oku kulandelayo:
  - **a** Yenza **incwadi yerekhodi yovavanyo,** kwaye uyigcine ngawo onke amaxesha.
  - **b** Le ncwadi mayibhalwe ukuba **YIMFIHLO.**
  - **c** Kule ncwadi, **yiba necandelo lomfundi ngamnye.**
  - **d** Imini yonke, **qaphela indlela abaqhuba ngayo abafundi**, kwaye **wenze amanqaku ento oyibonayo** ngokunxulumene nezi zakhono.
- Balumkele ngokukodwa **abafundi abangenzi nkqubela phambili,** kwaye **usebenze nabo** ukulungisa imingeni yabo.

## Itshekhlisti: IsiGaba esisiSeko uLwimi lwaseKhaya

| **UKUSEBENZA KOLU XWEBHU** | ✓ |
|---|---|
| Landela imida nokulindelweyo kwigumbi lokufundela | |
| Lawula iimvakalelo zakho | |
| Sebenza ngokuzimeleyo | |
| Sebenza ngokubambisana kumaqela | |
| Gxila kwaye uyigqibe imisebenzi ngexesha elifanelekileyo | |
| Khumbula ze udibanise ukufunda okudlulileyo nokufunda okutsha | |
| Seka ugcine ubudlelwane obuhle | |
| Qhubeka nemiceli mngeni – ungancami | |
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** | ✓ |
| Phuhlisa ze usebenzise isigama esiya sisiba nzima | |
| Landela umkhomba-ndlela | |
| Buza imibuzo | |
| Phendula imibuzo ngokufanelekileyo usebenzisa izivakalisi ezintsonkothileyo. | |
| Sebenzisa izakhono ezifanelekileyo zokuncokola nonxibelelwano. | |
| **ISAKHONO NOLWAZI LOKUBIZA AMAGAMA NEZANDI** | ✓ |
| Yahlukanisa amagama kwisandi ngasinye | |
| Dibanisa izandi ukwakha amagama | |
| Nakana ze ufunde zonke izandi esezifundisiweyo (funda unxibelelwano loonobumba nezandi) | |
| Yakha ze wahlukanise amagama abhaliweyo usebenzisa izandi ezifundisiweyo | |

| UKUFUNDA | ✓ |
|---|---|
| Soloko uzama ukucazulula (ukubiza) amagama amatsha usebenzisa ulwazi lwakho lwezandi noonobumba | |
| Funda izicatshulwa zomsebenzi ngokutyibilika nangokuchanekileyo | |
| **UKUQONDA** | ✓ |
| *KwisiGaba esisiSeko, ezi zakhono mazakhiwe ngexesha lokuFunda noTitshala - xa utitshala efunda izicatshulwa ezintsonkothileyo ngokuvakalayo.* | |
| Bonisa umdla ekufundeni ngokwabelana ngamabali | |
| Phendula imibuzo esisiseko ukukhumbula ngokuchanekileyo | |
| Nika izimvo ezisengqiqweni, ezixhasayo kumbuzo 'kutheni' | |
| Shwankathela iziganeko eziphambili zamabali afundiweyo | |
| Yazisa injongo okanye umyalezo wamabali afundwayo | |
| Khumbula ze udibanise amabali afundiweyo kumabali amatsha | |
| **UKUBHALA NGESANDLA** | ✓ |
| Bamba ipensile nezixhobo zokubhala ngokuchanekileyo - esebenzisa iminwe emithathu | |
| Uyakwazi ukubhala oonobumba abafundisiweyo ngokuchanekileyo nangokucacileyo | |
| Bhala ngesantya esifanelekileyo - ungawugqiba umsebenzi ngexesha olinikiweyo | |
| **UKUBHALA** | ✓ |
| Sebenzisa ukubhala unxibelelana ngezimvo zakho (ungakopi) | |
| Bhala ngokuzimeleyo (sebenzisa ubuchule bokubhala ukugqibezela imisebenzi yokubhala) | |
| Sebenzisa ulwazi loonobumba bezandi ukubhala amagama (upelo oluqulunqiweyo) | |
| Fundela iqabane oko ukubhalileyo | |

## UVavanyo oluseSikweni

- Ungakhetha **ukuyila owakho (Umsebenzi woVavanyo oSesikweni**) ngokwesikhokelo osinikwe **kwiCandelo lesi- 4 elihlaziyiweyo le-CAPS.**
- Kungenjalo**, umzekelo wovavanyo wekota yesi- 4 ufakiwe apha** ngezantsi. Ungawusebenzisa lo mzekelo unjalo, okanye uwuhlengahlengise ukuze uwusebenzise eklasini yakho.
- **'Ikhadi lamanqaku'** lifakiwe apho ungazalisa khona iziphumo zovavanyo zecandelo ngalinye.

## Sebenzisa iRubrikhi

- Iirubrikhi ezilandelayo zineenkcazo ezinamanqanaba amane.
- Zikwabonisa isikhokelo sokunika amanqaku kwinqanaba ngalinye.
- Ukongeza, kunikwe amanqaku kwinkcazo nganye ngokwekhrayitheriya nganye. Oku kubonisiwe kwizibiyeli ecaleni kwenkcazo.
- Ungazisebenzisa ezi mpawu ukuvavanya abafundi bakho ngeendlela ezahlukeneyo, ngokokukhetha kwephondo lakho okanye kwesithili:
  **a** Unokukhetha ukwenza umndilili wenqanaba okanye unike inqaku lomsebenzi wovavanyo.
  **b** Okanye, unokukhetha ukusebenzela amanqaku kumfundi ngamnye.

**Umzekelo:**

**a** Utitshala kaPeter ubeke umnqamlezo ukubonisa impumelelo yakhe ngokwemiqathango.

**b** Ubonile ukuba iminqamlezo iwela ikakhulu KWINQANABA LESI- 2 / UKULINGANISELWA KWIQONDO -3-4 .

**c** Kodwa, unenqanaba elinye le-1 / KWIQONDO 1-2 amanqaku. Ngako ke , umnikeza iBakala lesi-3.

**d** Emva koko, usebenza amanqaku akhe ngokwamanqaku omgaqo ngamnye. Ufumana amanqaku ama-5 kwali-14. Xa ahlulahlula ngesi-2, uzuza isi-2.5, athi ke asondele ku-3.

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1 AMANQAKU 1-2 | IQONDO LWE-2 AMANQAKU 3-4 | IQONDO LWE- 3 AMANQAKU 5-6 | IQONDO LWE -4 AMANQAKU 7 |
|---|---|---|---|---|
| **UMGANGATHO 1** | Umfundi ubalisa amasuntswana ebali ngokulandelelana kwawo ngendlela engeyiyo. (1) | Umfundi ubalisa ngolandelelwano oluchanekileyo, kodwa uquka iinkcukacha ezininzi kakhulu okanye ezincinane kakhulu. (2) ✗ | Umfundi ubalisa uninzi lwebali ngolandelelwano oluchanekileyo, kodwa abandakanya iinkcukacha ezininzi kakhulu okanye ezincinci kakhulu. (3) | Umfundi ubalisa ibali ngokulandelelana kwalo, eneenkcukacha nje ezaneleyo zokucacisa intsingiselo. (4-5) |
| **UMGANGATHO 2** | Umfundi uhlala enqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana. (1) | Ngamanye amaxesha umfundi uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana. (2) ✗ | Umfundi ubalisa ibali ngokutyibilika, ngamanye amaxesha uyanqumama, ethandabuza okanye aphinde amazwi okanye amabinzana. (3) | Umfundi ubalisa ibali ngokutyibilikayo nangokuzithemba, ngaphandle kokunqumama, ukuthandabuza okanye ukuphinda amagama okanye amabinzana. (4-5) |
| **UMGANGATHO 3** | Akukho mahluko kwithoni okanye ivolumu yelizwi, okanye umfundi akavakali. (1) ✗ | Umfundi ngamanye amaxesha uyayitshintsha ithoni okanye ivolumu yelizwi, kodwa oku akusoloko kufanelekile. (2) | Umfundi uyahluka ngokwethoni okanye ivolumu yelizwi xa efunda, enesiphumo esithile. (3) | Umfundi uyayitshintsha ithoni okanye ivolumu yelizwi xa efunda, enefuthe elikhulu. (4) |

## Inguquko

- Guqula amanqaku ali-14 ukuya kumanqanaba 1-7 ngokwahlulahlula ngesi- 2.

## Siyathemba ukuba uza kusifumana esi sikhokelo sovavanyo siluncedo

- *Kubalulekile ukukhumbula ukuba le misebenzi yovavanyo kunye neendlela zokubala ziziphakamiso.*
- *Nceda umise iphondo okanye isithili sakho ngokweemfuno zovavanyo.*

| UVavanyo lokuFunda: Ikhadi lamaNqaku | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Amagama Abafundi** | **UkuPhulaphula nokuThetha** | | **Izandi** | **UkuFunda nokuQonda** | | **UkuBhala ngeSandla** | **UkuBhala** | **AmanQanku Onke** |
| | Ubalisa ibali esebenzisa ulwimi oluchazayo, izijekulo ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso | Ukucwangcisa nokwenza intetho yomlomo esebenzisa uncedo olubonakalayo | Sebenzisa ulwazi lwezandi ukupela amagama ngokuchanekileyo kunye nokubizela ngokugqibeleleyo. Unakana aze asebenzise izithethantonye nezichasi | Ufunda ngokuvakalayo encwadini kwinqanaba lakhe. Sebenzisa amagama abonwa njalo, izandi, imeko kunye nohlalutyo lolwakhiwo lwezakhono zokuqonda. Jonga ngokwakho xa ufunda. | Uxoxa ngombono ophambili, abalinganiswa abayintloko kunye nomxholo webali. Uxoxa ngeemfundiso kwisicatshulwa. | Ukopa kwaye ubhale kwiskripthi esidibeneyo okanye ubhale ngokudibaniso uthathela ingqalelo kulwakhiwo oluchanekileyo loonobumba nezithuba. | Sebenzisa ubuchule bokubhala kwangaphambili ukucwangcisa ukubhala. Ubhala ngamava 60che. Sebenzisa ulwakhiwo lwezivakalisi olufanelekileyo, iziphumlisi kunye nesihlanganisi. | |
| **UVavanyo Inani LomSebenzi** | **4.1** | **4.2** | **4.3** | **4.4** | **4.5** | **4.6** | **4.7** | |
| 1 | | | | | | | | |
| 2 | | | | | | | | |
| 3 | | | | | | | | |
| 4 | | | | | | | | |
| 5 | | | | | | | | |
| 6 | | | | | | | | |
| 7 | | | | | | | | |
| 8 | | | | | | | | |
| 9 | | | | | | | | |
| 10 | | | | | | | | |

## IBanga lesi- 3 Ikota yesi-4: Umzekelo womsebenzi woVavanyo olusesikweni

| 4.1: UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA | |
|---|---|
| **INJONGO** | **Ubalisa ibali esebenzisa ulwimi oluchazayo, izimbo zomzimba ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso** |
| **UKUSETYENZISWA** | • Oku kunokwenziwa nanini na ukususela kwiVeki yesi-4 ukuya kweye-5<br>• Yenzani oku ngoLwesiThathu okanye ngoLwesiHlanu ngexesha lomsebenzi we-Orali<br>• Okanye ngooLweziHlanu ngexesha lokwabelana uFunda noTitshala: Umsebenzi emva kokuFunda |
| **UMSEBENZI** | • Misela abafundi ukuba bagqibezele umsebenzi wokuBalisa amaBali - abafundi mabasebenze ngababini ukwenza elabo ibali ngomxholo.<br>• Emva koko, biza isibini ngasinye size edesikeni yakho ukuze ugqibezele uvavanyo.<br>• Xelela abafundi ukuba batshintshane ukuze babalise ibali labo. Kufuneka baqinisekise ukuba:<br>**a** Babalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko<br>**b** Bafaka isiqalo, isiqu kunye nesiphelo<br>**c** Abaziphindi iindawo ezithile zebali<br>**d** Sebenzisa ulwimi oluchazayo<br>**e** Sebenzisa izijekulo ezahlukeneyo kunye nembonakalo yobuso<br>• Vavanya umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1 AMANQAKU 1-2 | IQONDO LWE-2 AMANQAKU 3-4 | IQONDO LWE- 3 AMANQAKU 5-6 | IQONDO LWE -4 AMANQAKU 7 |
|---|---|---|---|---|
| **INTSUSA YEBALI** | Ibali likhutshelwe lifana nebalini elifundiweyo ekwabelwana ngalo, okanye libali eliphuma kwincwadi ye-DBE (1) | Ibali alikhutshelwanga, kodwa liyafana namanye amabali. Okanye, ibali liyintsusa kodwa alivakali. (2) | Ibali lelomfundi, kodwa alivakali ngokupheleleyo. (3) | Ibali lelomfundi kwaye linengqiqo epheleleyo. (4) |
| **ISAKHIWO SEBALI** | Ibali alinaso isiqalo esicacileyo, isiphakathi nesiphelo. Iinxalenye yebali ayikho, kwaye ulandelelwano luphithene (1) | Ibali linesiqalo, isiqu kunye nesiphelo. Nangona kunjalo, ukulandelelana kwebali kudidekile. (2) | Ibali linesiqalo, isiqu kunye nesiphelo. Ukulandelelana kwebali kuchanekile kakhulu. (3) | Ibali linesiqalo esicacileyo, isiqu kunye nesiphelo. Ukulandelelana kwebali kuchanekile. (4) |
| **INKCAZO YOLWIMI** | Umfundi uyasokola ukusebenzisa naluphi na ulwimi oluchazayo ngaphandle kwenkxaso. (1) | Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo, kodwa ukhetho lolwimi luyaxelwa kwangaphambili. (2) | Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo okanye olunentsingiselo. (3) | Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo nolunentsingiselo ukwenza umphumo omkhulu. (4) |
| **UKUSETYENZISWA KWEZIJEKULO NEEMBONAKALO ZOBUSO** | Umfundi uyasokola ukusebenzisa izijekulo okanye imbonakalo yobuso ngaphandle kwenkxaso. (.5) | Umfundi usebenzisa izijekulo okanye imbonakalo yobuso amaxesha athile. (1) | Umfundi usebenzisa izijekulo okanye imbonakalo yobuso ngamaxesha afanelekileyo ukwenza okufanelekileyo. (1.5) | Umfundi ukhuthazekile kwaye usebenzisa izijekulo okanye imbonakalo yobuso ngamaxesha afanelekileyo (2) |

| 4.2: UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA / UKUQONDA | |
|---|---|
| **INJONGO** | • Cwangcisa wenze intetho yomlomo usebenzisa izixhobo ezibonakalayo |
| **UKUSETYENZISWA** | • Yenza lo msebenzi kusasa ube yinto yokuqala 'njengeendaba zabafundi'<br>• Biza abafundi om-1 ukuya kwaba-2 ngemini ukuba benze intetho yabo<br>• Khumbuza abafundi kusuku olungaphambi kokwenza intetho yabo |
| **UMSEBENZI** | • Cacisa abafundi ngomsebenzi ngolu hlobo lulandelayo:<br>**a** Bamele babelane ngebali lomntu okanye amava<br>**b** Kufuneka beze noncedo olubonakalayo ukunceda ukubonisa ibali okanye amava<br>**c** Mababelane ibali labo okanye amava ngokulandelelana kwawo<br>**d** Ibali labo kufuneka libe nesiqalo, isiqu kunye nesiphelo<br>**e** Mabangaphindi<br>**f** Mabasebenzise ulwimi oluchazayo ukwenza ibali okanye amava abo anike umdla<br>**g** Bamele babonise umfanekiso wabo kwaye bachaze ukuba ungantoni na |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1<br>INQANABA 1-2 | IQONDO LESI -2<br>INQANABA 3-4 | IQONDO LESI -3<br>INQANABA 5-6 | IQONDO LESI -4<br>INQANABA 7 |
|---|---|---|---|---|
| **UKWAKHIWA** | Ibali alinaso isiqalo esicacileyo, umbindi nesiphelo. Amanye amacandelo ebali awakho, kwaye ulandelelwano luhlangangene (1) | Ibali linesiqalo, umbindi kunye nesiphelo. Nangona kunjalo, ukulandelelana kwebali kuhlangahlangene (2) | Ibali linesiqalo, umphakathi kunye nesiphelo. Ukulandelelana kwebali kuchanekile kakhulu. (3) | Ibali linesiqalo esicacileyo, umbindi kunye nesiphelo. Ukulandelelana kwebali kuchanekile. (4-5) |
| **UKUTYIBILIKA NOKUCHAZA ULWIMI** | Umfundi uhlala enqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana. Umfundi uyasokola ukusebenzisa naluphi na ulwimi oluchazayo ngaphandle kwenkxaso. (1) | Ngamanye amaxesha umfundi uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana. Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo, kodwa ukhetho lolwimi lullindelekiel (2) | Umfundi uthetha ngokutyibilikayo, unqumama okanye athandabuze kube kanye okanye kabini. Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo okanye olunentsingiselo. (3) | Uthetha ngokutyibilikayo nangokuzithemba, ngaphandle kwamathandabuzo. Umfundi usebenzisa ulwimi oluthile oluchazayo nolunentsingiselo ukwenza umphumo omkhulu. (4-5) |
| **IZIXHOBO EZIBONAKALAYO** | Umfundi khange eze nesixhobo esibonakalayo, okanye isixhobo asihambelani nebali. (1) | Umfundi uze nesixhoo esibonakalayo , kodwa asihambelani ngokucacileyo nebali. (2) | Umfundi uze nesixhobo esibonakalayo esifanelekileyo. (3) | Umfundi uze nesixhobo esibonakalayo esinomdla (4) |

| 4.3: IZANDI | |
|---|---|
| **INJONGO** | • **Yakha amagama usebenzisa izandi ezifundiweyo** |
| **UKUSETYENZISWA** | • Yenza oku kwiveki yesi-5 okanye eyesi-6, ngexesha lesifundo sangoMvulo sokuBhala ngesandlla |
| **UMSEBENZI** | • Xelela abafundi ukuba batyhile iphepha elicocekileyo baze babhale isihloko esithi: Uvavanyo lwezandi<br>• Emva koko bonisa abafundi indlela yokusonga iphepha ezincwadini zabo ngesiqingatha, nenani ukusuka kwi-1-10 ekuqaleni kwemajini yephepha nokusuka ku-11 ukuya ku-20 embindini wephepha.<br>• Cacisela abafundi ukuba uza kubiza inani okanye igama. Mababhale igama ecaleni kwenani elichanekileyo.<br>• Ukuba abafundi abayazi indlela yokubhala igama, mabazobe umgca ecaleni kwenani.<br>• Emva koko, chazela abafundi ukuba uya kubizela izivakalisi ezibini kubo. Mababhale ezi zivakalisi phantsi.<br>• Mabasebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.<br>• Qeqesha abafundi ukuba bathule ngexesha leemvavanyo, bangajongi komnye umntu.<br>• Qulunqa uluhlu lwamagama anga-20 oza kuwabiza – qinisekisa ukuba zonke izandi ezivavanywayo zifundisiwe.<br>• Ekupheleni kovavanyo, qokelela iincwadi zabafundi uze umakishe uvavanyo.<br>• Vavanya umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1<br>AMANQAKU 1-2 | IQONDO LE-2<br>AMANQAKU 3-4 | IQONDO LE- 3<br>AMANQAKU 5-6 | IQONDO LE -4<br>AMANQAKU 7 |
|---|---|---|---|---|
| **UPELO** | Umfundi wenze ngaphezu kweempazamo ezi-5. (1) | Umfundi wenze iimpazamo ezi-4-5. (2) | Umfundi wenze iimpazamo ezi 2-3 (3) | Umfundi wenze iimpazamo e-1 okanye akho mpazamo (4-5) |
| **IZITHETHANTONYE NEZICHASI** | Umfundi ufumane umzekelo o-1 ochanekileyo. (1) | Umfundi ufumane imizekelo emi-2 echanekileyo.(2) | Umfundi ufumane imizekelo emi-3 echanekileyo.(3) | Umfundi ufumane imizekelo emi-4 echanekileyo (4) |
| **UBIZELO** | Umfundi wenze iimpazamo zopelo okanye zokubhala ezi ngaphezulu kwisi-5. (1) | Umfundi wenze iimpazamo zopelo okanye zokubhala ezi ngaphezulu kwesi 4-5 (2) | Umfundi wenze iimpazamo zopelo okanye zokubhala ezi ngaphezulu kwesi 2-3 (3) | Umfundi akenzi ngaphezu kwesi-1 iimpazamo zopelo okanye zokubhala. (4-5) |

| 4.4: UKUFUNDA | |
|---|---|
| **INJONGO** | • Ufunda ngokuvakalayo encwadini kwinqanaba lakhe.<br>• Sebenzisa amagama abonwa njalo, izandi, imixholo kunye nohlahlelo lolwakhiwo lwezakhono.<br>• Uyazihlola njengoko efunda. |
| **UKUSETYENZISWA** | • Oku kunokwenziwa nanini na ukususela kwiVeki yesi-6 ukuya kweye-8<br>• Yenza oku ngexesha lokuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala |
| **UMSEBENZI** | • Ngexesha 'lokuFunda ancediswa nguTitshala ' biza ilungu ngalinye leqela ukuba lize kufundela wena.<br>• Emva koko, cela umfundi ukuba afundele phezulu kwitekisi yenqanaba elifanelekileyo isicatshulwa. Qinisekisa ukuba itekisi iqulathe amagama anokwahluleka<br>• Buza umfundi ukuba yintoni ebilula kubo, kwaye basokole phi. Babuze ukuba baziva njani ngokufunda kwabo.<br>• Vavanya umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1 AMANQAKU 1-2 | IQONDO LESI -2 AMANQAKU 3-4 | IQONDO LESI -3 AMANQAKU 5-6 | IQONDO LESI -4 AMANQAKU 7 |
|---|---|---|---|---|
| **UKUTYIBILIKA** | Umfundi uhlala ethandabuza ngelixa efunda, Uthi cwaka xa eza kumagama angaziwayo okanye awatsibe amagama angaziwayo, kwaye ewaphinda Amagama okanye amabinzana. (1) | Umfundi ufunda ngokunqumama okanye ukuthandabuza. Umfundi 'utsala nzima' uneendawo ekunzima ukudlula kuzo. (2) | Umfundi ufunda ngokuqhawula isingqi. Umfundi Unengxaki kumagama athile kunye / okanye kukwakhiwa Kwezivakalisi. (3) | Umfundi ufunda kakuhle ngaphandle kokuphumla. Umfundi uyakwazi ukuzilungisa xa efunda amagama anzima kunye / Okanye ukwakhiwa kwezivakalisi. (4-5) |
| **ISAKHONO SOKUBIZA AMAGAMA** | Umfundi ufuna inkxaso eninzi yezandi kutitshala ukuze afunde igama elingaziwayo. Umfundi utsala nzima ukwahlula amagama abe ngamalungu okanye Izandi. Ambalwa kakhulu amagama aziwa ngumfundi. (1) | Umfundi uzama ukusebenzisa izandi ukufunda amagama angaziwayo kodwa Ufuna inkxaso kutitshala. Umfundi uyakwazi ukwahlula amagama ngokwamalungu okanye izandi ngenkxaso Katitshala. Umfundi unamagama awaziyo kumagama abonwa njalo (2) | Umfundi usebenzisa izandi kunye nokudibanisa amagama ukuze avakalise amagama angaziwayo, kodwa ngamanye amaxesha ufuna uncedo lokudibanisa izandi kwigama. Umfundi wazi amagama amaninzi abonwa njalo (3) | Umfundi usebenzisa izandi kunye nokudibanisa amagama ukuze avakalise amagama angaziwayo, kwaye uyakwazi ukudibanisa izandi kwigama. Umfundi uyawazi onke amagama afundisiweyo abonwa njalo. (4-5) |
| **UKUBEKWA ESWENI KWEZAKHONO ZOKUKHOWUDA** | Umfundi unolwazi oluncinci kakhulu ngezakhono zakhe zokufunda kunye nenkqubela phambili. Okwangoku umfundi akazibekeli esweni izakhono zakhe zokumiselwa. (1) | Umfundi unolwazi oluthile ngezakhono zakhe zokufunda kunye nenkqubela phambili. Umfundi uqala ukubek 'esweni ezakhe izakhono zokukhowuda, kwaye angabelana ngenqaku elinye okanye amabini malunga nenkqubela okanye imiceli mngeni. (2) | Umfundi ubazi kakuhle ubuchule bakhe bokufunda kunye nenkqubela phambili. Umfundi ujonge izakhono zakhe zokuhlela, kwaye angabelana ngamanqaku afanelekileyo malunga nenkqubela okanye imiceli mngeni. (3) | Umfundi unolwazi olugqwesileyo ngobuchule bakhe bokufunda kunye nenkqubela phambili. Umfundi ujonge ngokucacileyo izakhono zakhe zokumisela kunye nezakhono zokuqonda, kwaye angabelana ngamanqaku afanelekileyo malunga nenkqubela phambili okanye imiceli mngeni. (4) |

| 4.5:UKUQONDA | |
|---|---|
| **INJONGO** | **Ukumamela kunye nokuzibandakanya nesicatshulwa emva koko:**<br>• Xoxa ngoluvo oluphambili, abalinganiswa abaphambili kunye nomxholo webali<br>• Xoxa ngeemfundisoo kwisicatshulwa |
| **UKUSETYENZISWA** | • Oku kunokwenziwa nanini na ukususela kwiVeki yesi-6 ukuya kweye-8<br>• Yenzani oku ngolwesiHlanu ngexesha lomsebenzi we -Orali : Ingxoxo ngokuFunda noTitshala okanye ngooLwezihlanu ngexesha lokuFunda noTitshala: Umsebenzi wokuFunda noTitshala: Emva kokufunda |
| **UMSEBENZI** | • Sebenzisa ibali lokufunda ekwabelwana ngalo kwiveki ephelileyo.<br>• Cwangcisa iklasi ukugqibezela umsebenzi.<br>• Emva koko, biza umfundi ngamnye edesikeni yakho ukuze agqibe uvavanyo.<br>• Cela abafundi ukuba baphendule umbuzo om-1 ukuya kwemi-2 kuludwe ngalunye lwemibuzo malunga nesicatshulwa:<br>**Uluvo oluphambili kunye nabalinganiswa**<br>**1** Belithetha ngantoni eli bali?<br>**2** Uthini umbono ophambili webali?<br>**3** Ngubani / abalinganiswa abaphambili?<br>**4** Chaza lo mlinganiswa<br>**Ukwakhiwa kwebali**<br>**1** Kwenzeke ntoni ekuqaleni kwebali?<br>**2** Kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali?<br>**3** Ngaba ulithandile eli bali? Kutheni usitsho okanye kutheni kungenjalo?<br>**4** Ucinga ukuba ibali liphele kakuhle? Kutheni usitsho okanye kutheni kungenjalo?<br>**Iimfundiso**<br>**1** Ucinga ukuba kwakutheni ukuze eli bali libhalwe- yintoni esimele ukuyifunda kulo?<br>**2** Ufunde ntoni kweli bali?<br>**3** Ucinga ukuba ____ wayenyanisile xa yena…? Kutheni usitsho okanye kutheni kungenjalo?<br>**4** Ngewayenze ntoni? Ngoba?<br>• Vavanya umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1 AMANQAKU 1-2 | IQONDO LE-2 AMANQAKU 3-4 | IQONDO LE- 3 AMANQAKU 5-6 | IQONDO LE -4 AMANQAKU 7 |
|---|---|---|---|---|
| **IIMBONO EZIBALULEKILEYO NABALINGANISWA** | Umfundi uyasokola ukuchonga olona luvo luphambili okanye ukuchaza abalinganiswa abaphambil(1) | Umfundi uchonga ngokuchanekileyo umba ophambili kunye nomlinganiswa okanye uchaza ngokuchanekileyo abalinganiswa abaphambili. (2) | Umfundi uzikhumbula ngokuchanekileyo zonke iinkcukacha ebalini, ngokuqhutywa okuthile. (3) | Umfundi uchonga ngokuchanekileyo zonke iinkcukacha ezivela ebalini ngokukhawuleza, ngokutyibilikayo nangokuchanekileyo. (4-5) |
| **UKHWAKHIWA KWEBALI** | Umfundi akakwazi ukuwukhumbula umxholo webali engakhange acetyiswe. Umfundi uwulibele umxholo webali. (1) | Umfundi uyalikhumbula ibali, kodwa uyaluphazamisa ulandelelwano lweziganeko. Umfundi wabelana ngombono ngomxholo kodwa akaluthetheleli ngokwaneleyo olu luvo. (2) | Umfundi uyawukhumbula umxholo webali, ngolandelelwano oluchanekileyo. Umfundi wabelana ngeembono kumxholo kodwa akaluthetheleli ngokwaneleyo olu luvo. (3) | Umfundi ukhumbula umxholo webali, ngolandelelwano oluchanekileyo. Umfundi wabelana ngeembono zomxholo kwaye uluthethelela ngokwaneleyo olu luvo. (4-5) |
| **IIMFUNDISO** | Umfundi uyasokola ukufumana imfundiso ebalini, nokuba uyaxhaswa. (1) | Umfundi umisela imfundiso ebalini, kodwa ufuna inkxaso. (2) | Umfundi ufumama imfundiso ebalini ngaphandle kwenkxaso, kodwa akayicacisi impendulo ngokwaneleyo. (3) | Umfundi ufumana iimfundiso ebalini ngaphandle kwenkxaso, kwaye uyayicacisa ngokwaneleyo impendulo. (4). |

| 4.6: UKUBHALA NGESANDLA | |
|---|---|
| **INJONGO** | • Ukukhuphela nokubhala ngokudibeneyo okanye ukubhala ngokudibanisa enika ingqwalaselo kulungelelwaniso loonobumba nezithuba. |
| **UKUSETYENZISWA** | • Yenza oku usebenzisa izifundo zokubhala ngesandla zeeveki 5-6 okanye iiveki 7-8. |
| **UMSEBENZI** | • Yenza izifundo zokubhala ngesandla njengesiqhelo.<br>• Njengokuba abafundi bekopa ebhodini, hamba-hamba wenze imigqaliselo.<br>• Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kwesifundo.<br>• Vavanya umbhalo wesandla womfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1 AMANQAKU 1-2 | IQONDO LWE -2 AMANQAKU 3-4 | IQONDO LWE -3 AMANQAKU 5-6 | IQONDO LWE -4 AMANQAKU -7 |
|---|---|---|---|---|
| **UKUBHALA NGESANDLA** | Umfundi uyasokola ukubhala ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kwisikripti esidibeneyo okanye ngokuthuka. Ukubhala ngesandla akuhambelani ngobukhulu, ukwakheka konobumba kuhlala kungalunganga, kwaye isithuba asikho mgaqweni. (1-2) | Ngamanye amaxesha umfundi uyasokola ukubhala ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kwisikripti esidibeneyo. Umbhalo wesandla usenokungahambelani kubungakanani, maxa wambi ukubhalwa koonobumba akulunganga, okanye ukushiyana ngezithuba kusenokungahambelani. (3-4) | Umfundi ubukhulu becala ubhala ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kwisikripthi esihlangeneyo okanye ngokuthuka. Ukubhala ngesandla kuhlala kungaguquguquki kubungakanani, ukwakheka koonobumba kuchanekile ubukhulu becala, kwaye izithuba ziqhelekile. (5-6) | Umfundi ubhala ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kwiskripthi esihlanganisiweyo . Ukubhala ngesandla kuyahambelana ngobukhulu, ukwakheka koonobumba kuchanekile, kwaye izithuba ziqhelekile. (7) |

| 4.7: UKUBHALA | |
|---|---|
| **INJONGO** | • Usebenzisa ubuchule bokubhala kwangaphambili ukucwangcisa ukubhala.<br>• Ubhala ngamava 71che.<br>• Usebenzisa ulwakhiwo lwezivakalisi olufanelekileyo, iziphumlisi kunye nezihlanganisi. |
| **UKUSETYENZISWA** | • Yenza oku usebenzisa isifundo sokubhala seeveki 3-4, iiveki 5-6, okanye iiveki 7-8. |
| **UMSEBENZI** | • Qhuba izifundo zokubhala njengesiqhelo.<br>• Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni komjikelo wokubhala.<br>• Vavanya ukubhala nokubhala  ngesandla komfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi engezantsi. |

| IRUBRIKI | IQONDO LOKU -1<br>AMANQAKU 1-2 | IQONDO LWE -2<br>AMANQAKU 3-4 | IQONDO LWE -3<br>AMANQAKU 5-6 | IQONDO LWE -4<br>AMANQAKU -7 |
|---|---|---|---|---|
| **UCWANGCISO** | Kukho ubungqina obuncinci okanye akukho bungqina besicwangciso sokucwangcisa esisetyenziswayo. (1) | Kukho ubungqina bokuba isicwangciso siyasetyenziswa, kodwa isicwangciso asigqibelelanga. (2) | Kukho ubungqina obucacileyo bokuba isicwangciso sisetyenzisiwe, kwaye isicwangciso sigqibile. (3) | Kukho ubungqina obucacileyo bokusetyenziswa kwesicwangciso, kwaye isicwangciso sigqibelele kwaye sinenkcukacha. (4) |
| **UKUNAMATHELA KUMXHOLO** | Umfundi uyasokola ukubhala ngamava akhe. Ingcamango kunzima ukuyiqonda, okanye ayiyiyo eyokuqala – umzekelo katitshala ukopiwe. (1) | Umfundi unokubhala ngamava akhe. Umbono uyaqondakala kwaye ungowokuqala, nangona ufana nomzekelo katitshala. (2) | Umfundi ubhala ngokucacileyo ngamava akhe. Le ngcamango yeyakhe kwaye yeyokuqala. (3) | Umfundi ubhala ngokucacileyo ngamava akhe. Umbono ngowakho, ungowokuqala, kwaye uvakala wohlukile kwaye uyinyani. (4) |
| **UKWAKHIWA KWEZIVAKALISI NOKUSETYENZISWA KWEEMPAWU ZOBHALO** | Umfundi uyasokola ukulungisa ukwakhiwa kwezivakalisi ezilula, kwaye akukho ukusetyenziswa kwezivakalisi ezimbaxa. (1) | Umfundi wakha izivakalisi ngokuchanekileyo, kodwa akusetyenziswanga izivakalisi ezimbaxa. (2) | Umfundi uyila ngokuchanekileyo ukwakheka kwezivakalisi ezilula kunye nesakhiwo ubuncinane besivakalisi esimbaxa esinye ngokuchanekileyo. (3) | Umfundi uyila ngokuchanekileyo izivakalisi ezilula nolwakhiwo ubuncinane bezivakalisi ezibumbaxa ngokuchanekileyo. (4) |
| **IIMPAWU ZOBHALO** | Umfundi unengxaki yokusebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi ngokungaguquguqukiyo nangokuchanekileyo. (.5) | Umfundi usebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi ngokuchanekileyo, kodwa uyasokola ngezinye iziphumlisi iimpawu zobhalo. (1) | Umfundi usebenzisa zonke iziphumlisi iimpawu zobhalo ngokwaneleyo, kodwa wenza iimpazamo ngamaxesha athile. (1.5) | Umfundi usebenzisa zonke iziphumlisi iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo kwaye kunqabile ukuba enze iimpazamo. (2) |